- (5) Any committed capital project to be administered by a Local Municipality that is funded from RSC levies on a cash basis shall, after the effective date, continue to be so funded until completion of such project, in order to avoid the Local Municipality having to take up additional loan finance.

*Transitional Administrative Arrangements*

- 19.(1) From the effective date to the date that all staff, assets, liabilities and records have been finally allocated in terms of the provisions of this Schedule, or such alternative date as may be determined by the Provincial Minister, the District Municipality:-
- (a) shall be obliged to deal with all staff, assets, liabilities or records:-
    - (i) temporarily placed in terms of section 12A(1);
    - (ii) temporarily transferred in terms of section 16B(1), and
    - (iii) provisionally allocated in terms of sections 12A(3) and 16B(3),
 in the utmost good faith having due regard to the interests of the Local Municipalities;
  - (b) without derogating from the generality of subsection (1) and subject to section 12(2), shall not, with reference to paragraphs (i) and (vii) hereunder without the prior written approval of the Provincial Minister which approval may be conditional, and with reference to paragraphs (ii), (iii), (iv), (v), (vi) and (viii) hereunder without the prior written approval of the Local Municipalities, which approval shall not be unreasonably withheld, make or effect any alteration to the staff establishment temporarily placed in terms of section 12A(1) or provisionally allocated in terms of section 12A(3) by:-
    - (i) creating or filling any new posts;
    - (ii) filling any vacancies;
    - (iii) initiating and implementing the regrading or upscaling of any posts;

- (iv) promoting any member of staff;
  - (v) assigning any functions or duties to personnel other than on a temporary basis;
  - (vi) subject to any law, existing collective agreement or contract of employment:-
    - (aa) approving and implementing any allowance or acting allowance;
    - (bb) implementing any increase in salaries or wages;
  - (vii) implementing any permanent alteration to staff structures and organisational structures, and
  - (viii) entering into any collective agreement, other than a collective agreement negotiated and agreed to in the Bargaining Council, which will bind the District municipality in respect of any matter listed in this subsection.
- (c) without derogating from the generality of subsection (1), shall not, without the prior written approval of the Local Municipalities, which approval shall not be unreasonably withheld, make or implement any decision in relation to any assets, liabilities or records transferred in terms of section 16B(1) or provisionally allocated in terms of section 16B(3) that will result in such municipality:-
- (i) selling or leasing immovable or movable assets to a value exceeding R20 000,00 (twenty thousand rand) other than in terms of existing contractual arrangements; provided that this provision shall not apply to the disposal of immovable property in terms of an approved housing scheme in terms of the Housing Act, 1997 (Act 107 of 1997);
  - (ii) purchasing immovable or movable assets to a value exceeding R20 000,00 (twenty thousand rand) other than in terms of existing contractual arrangements;
  - (iii) concluding new contracts with a duration longer than one year;
  - (iv) renewing contracts for a duration longer than three months;
  - (v) acquiring information technology systems, including hardware and software, and
  - (vi) using:-
    - (aa) statutory funds either for direct capital or other expenditure or to finance expenditure by taking up internal loans for purposes other than for committed and necessary infrastructural projects approved in the 2000/2001 budget;
    - (bb) trust funds (which does not include a council's own accounts) for any purpose other than that for which the funds are held;
    - (cc) reserve funds, reserve capital or reserve provisions for a purpose other than for necessary budgeted infrastructural maintenance, non-budgeted emergency infrastructural

maintenance which cannot be financed from the operational budget or for the writing off of bad debts, and

- (dd) any statutory trust, reserve or provision which is not cash funded other than for the writing off of bad debts;

provided that this subsection shall not apply in the case of an emergency, and

- (d) shall not make or implement any decision that will result in the District Municipality exceeding its approved capital or operating budget for the 2000/2001 financial year.
- (2) Should any dispute with regard to the provisions of subsection (1) arise between the District Municipality and one or more Local Municipalities, such dispute must be referred to the Provincial Minister for determination by the Provincial Minister or his nominee in accordance with procedures determined by the Provincial Minister, and the decision of the Provincial Minister or his nominee shall be final and binding.
- (3) Any contract entered into in breach of the provisions of subsections (1) or (2) shall be null and void.

*(section 19 amended by PN.691/2000)*

*Appointment of Acting Officers*

20. Before the effective date the Provincial Minister, after considering any recommendations of the District Transformation Forum, shall, where relevant to the District Municipality appoint any person to any position that may be required in terms of relevant legislation, which appointment shall be in an acting capacity, and who shall assume office on the effective date and remain in office until the District Municipality has made its own appointments in terms of the relevant legislation.

*Appointment of Interim Municipal Manager*

- 21.(1) Before the effective date the Provincial Minister shall, after considering any recommendation of the District Transformation Forum, appoint an interim municipal manager, who shall assume office upon appointment and remain in office until the District Municipality has appointed its own municipal manager or acting municipal manager.
- (2) The duties of the interim municipal manager shall, subject to directions or resolutions to the contrary adopted by the District Municipality, be the following:-
- (a) call the first meeting of the Council of the District Municipality in terms of section 29(2) of the Municipal Structures Act;
- (b) preside over the first meeting of the Council of the District Municipality until the election of the speaker;
- (c) after the effective date, act as the head of administration and chief accounting officer of the District Municipality until the appointment by the District Municipality of its own municipal manager or acting municipal manager;
- (d) after the effective date, fulfill all duties required to be fulfilled by the CEO of a municipality in terms of relevant legislation;

- (e) assume responsibility for effecting the transfer of all staff, assets, liabilities and administrative and other records to the District Municipality;
  - (f) appoint such persons as are necessary to fulfill his or her obligations in terms of this Schedule;
  - (g) take all reasonable steps to ensure that service delivery continuity is maintained after the effective date;
  - (h) establish interim financial control mechanisms for the District Municipality;
  - (i) establish interim reporting lines and delegations for the District Municipality;
  - (j) review and recommend service contracts, agency arrangements and service delivery agreements;
  - (k) implement any interim service delivery arrangements between the Local Municipalities and the District Municipality;
  - (l) delegate any of his or her powers or duties to any employee of the District Municipality and amend or revoke any such delegation, and
  - (m) in the period prior to the effective date, prepare for the performance of the functions set out in paragraphs (a) to (l).
- (3) Prior to the effective date, the CEOs shall co-operate with the interim municipal manager in relation to all matters pertaining to the establishment of the District Municipality.
- (4) From the effective date, the CEOs shall act under the direction of, and be responsible to, the interim municipal manager, and the interim municipal manager shall have all the powers of the CEOs.

*Interim Assistant Municipal Managers*

22. The Provincial Minister may, after considering any recommendation of the District Transformation Forum, appoint any number of interim assistants to the interim municipal manager, who assume office upon appointment and remain in office until the District Municipality has confirmed or terminated the appointment.

*Senior Management Team*

23. Any interim assistants appointed to the interim municipal manager, together with the interim municipal manager, shall form the senior management team of the District Municipality to oversee the implementation of the establishment of the District Municipality.

*Appointments*

24. Any person appointed in terms of section 21 or 22 shall, subject to the provisions of section 12 of this Schedule, be an employee of a disestablished municipality and shall fulfill his or her duties on a seconded basis.

*First meeting of the Council of the District Municipality*

- 25.(1) The interim municipal manager shall, at least three days before the first meeting of the Council of the District Municipality, send to each councillor at his or her place of residence or other place nominated by the councillor

concerned, a notice specifying the place, date and time of the first meeting and an agenda; provided that the interim municipal manager may call the first meeting on shorter notice should it in his or her opinion be necessary to do so.

- (2) Notwithstanding any by-law in force, but subject to the provisions of the Municipal Structures Act, the rules and orders for the first meeting of the Council of the District Municipality are the rules and orders as set out in Provincial Notice 411/1988 as promulgated in Provincial Gazette No. 4532 of 20 May 1988 with the necessary changes required by the context, which rules shall remain in force until the adoption of rules and orders by the Council of the District Municipality.

*(subsection (2) amended by PN. 691/2000)*

- (3) The venue for the first meeting of the Council of the District Municipality shall be the Council Chamber of the disestablished Sentrale Karoo District Council in Beaufort West.
- (4) The agenda of the first meeting shall be as follows:-
- (a) the election of the speaker;
  - (b) whether the District Municipality wishes to establish an executive committee, and if so, the determination of a system of representation for the election of the executive committee;
  - (c) the election of councillors to serve on the executive committee;
  - (d) the election of the mayor from the members of the executive committee;
  - (e) the election of the deputy mayor, for which approval is granted by the Provincial Minister, from the members of the executive committee, and
  - (f) any other business as determined by the interim municipal manager and set out in the agenda.

*Application of this Notice*

- 25A. If any conflict relating to the matters dealt with in this Notice arises between this Notice and the provisions of any section 84(3) notice promulgated by the National Minister or any section 18 notice promulgated by the Provincial Minister, the provisions of the section 84(3) notice or section 18 notice, as the case may be, shall prevail.

*(section 25A inserted by PN.691/2000)*

*Executive Deputy Mayor*

- 25B. Approval is granted in terms of section 55 of the Municipal Structures Act, as amended, for the election of an executive deputy mayor.

*(section 25B inserted by PN.199/2003)*

*Short title and Commencement*

26. This Notice is called the Central Karoo District Municipality (DC5) Establishment Notice and comes into operation on the date of publication.

**URHULUMENTE WENGINQI: UMTHETHO WAMASEBE KAMASIPALA, KA1998  
(UMTHETHO WE-117 KA-1998)**

*Amended by:*

*neSaziso sePhondo 691 dated we-4 kuDisemba 2000  
neSaziso sePhondo 472 dated we-19 kuDisemba 2002  
neSaziso sePhondo 199 dated we-28 uMeyi 2003  
neSaziso sePhondo 133 dated we-28 kuMatshi 2008*

**UKUSEKWA KOMASIPALA WESITHILI SOMBINDI KAROO (DC5)**

Ngamandla andigunyazisayo aqulathwe licandelo-12 ne-14 loRhulumente waseKhaya: uMthetho owasekwa ngo-1998 wamaSebe ooMasipala, (uMthetho we-117 wonyaka we-1998) ukuba ndenze isaziso sokusekwa kwesixeko Sombindi Karoo ngokwemiqathango edweliswe kolu ludwe lweenkqubo.

Ngomhla wama-22 uSeptemba 2000.

P UYS, UMPHATHISWA WEPHONDO WORHULUMENTE WENGINQI

**ULUNDWE LWEENKQUBO**

*Inkcazo yamagama*

1. Kolu Xwebhu ngaphandle kokuba okuqulathiweyo kukuxelela enye into, isinye sibandakanya isininzi nesininzi sibandakanya isinye, isicatshulwa sesiNgesi siya kuma simi isiso esisetyenziswayo apho kuthe kwakho iyantlukwano kwizcatshulwa ezahlukeneyo okanye kwigama elinokuthi lahluke okanye isiqendwana ngentsingiselo esithe sanikwa yona kuMthetho wamaSebe ooMasipala, intsingiselo yesiNgesi-
  - (1) **“iQumrhu leeNgxoxo”** lithetha iQumrhu leeNgxoxo loRhulumente waseKhaya weCandelo leNtshona-Koloni elifake isicelo sobhaliso njengequmrhu leengxoxo ngokweSaziso esingunombolo 1513/1999 njengoko sipapashwe kwiGazethi kaRhulumente engunombolo 20282 somhla we- 16 kaJulayi 1999;
  - (2) **“iNkqubo eQukanisiweyo yoLawulo”** ithetha inkqubo evumela ukusetyenziswa kolawulo oluqhutywa yikomiti yabaphathi ekutrhi lukamasipala lubekwe kumagxa ayo;
  - (3) *(subsection (3) deleted by PN.199/2003)*
  - (4) **“uMgaqo-siseko”** uthetha uMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, we-1996 (uMthetho we- 108 we- 1996);
  - (5) **“ukutshitshiswa koomasipala”** kuthetha abo masipala baza kutshitshiswa ngokwemigaqo yecandelo-3 lesi Saziso;
  - (6) **“uLawulo loMmandla weSithili”** kuthetha ummandla kMasipala weSithili othathwa njengommandla wolawulo lwesithili yiBhodi

yokuCandwa kooMasipala, olusebenza ngokwecandelo –6 loMthetho wamaSebe kaMasipala njengoko kuchaziweyo kwimaphu engunombolo-3 ekolu ludwe lweenkqubo nakwiSaziso esingunombolo 1139/2000 nesapapashwa kwiGazethi kaRhulumente engunombolo 20972 ngomhla we- 10 kuMatshi 2000;

- (7) **“uMasipala weSithili”** uthetha uMasipala weSithili Sombindi Karoo, owamiselwa ngokwecandelo-5 lesi Saziso;
- (8) **“iQonga leNguqulelo leSithili”** lithetha iQonga leNguqulelo leSithili Sombindi Karoo elamiselwa ngokweSaziso seDTF;
- (9) **“iSaziso seDTF”** sithetha iSaziso sePhondo esingunombolo 78/2000 esapapashwa kwiGazethi yePhondo Eyongeselelweyo engunombolo 5435 yomhla we-kuMatshi 2000;
- (10) **“umhla wokuqala wonyulo”** uthetha umhla wokuqalisa unyulo;
- (11) **“unyulo”** luthetha unyulo lokuqala jikelele lwamaBhunga ooMasipala onyulwa emva kokusebenza koMgaqo-siseko;
- (12) **“inkqubo yotshintsho lohlahlo-lwabiwo-mali lomasipala”** lithetha inkqubo yotshintsho lohlahlo-lwabiwo-mali phakathi koomasipala ukuphumeza uzinzi lwengeniso ngexesha lenguqulelo;
- (13) **“umphathi wethutyana kamasipala”** uthetha umphathi wethutyana kamasipala weSithili obekwe ngokwemiqathango yecandelo-21(1) nozakuba ngumphathi obambeleyo kamasipala kuMasipala weSithili ukususela ngomhla wokuqalisa, okanye umphathi wethutyana obambeleyo okanye umphathi kamasipala kuMasipala weSithili nobekwe iKansile yoMasipala weSithili emva Komhla wokuqalisa;

*(subsection (13) amended by PN.691/2000)*

- (14) **“uMasipala weNgingqi”** uthetha:-
  - (a) U Masipala waseLaingsburg (WCO51);
  - (b) U Masipala wasePrince Albert (WCO52);
  - (c) U Masipala waseBeaufort West (WCO53),
 oza kusekwa ukususela ngomhla wokuqalisa kummandla woMasipala weSithili;

*(subsection (14) amended by PN.691/2000)*

- (14A) **“i-MM yoMasipala weNgingqi”** ithetha umphathi wethutyana kaMasipala weNgingqi;

*(subsection (14A) inserted by PN.691/2000)*

- (14B) **“iSaziso sikaMasipala weSithili”** Sithetha iZaziso zePhondo 506/2000, 507/2000, no-508/2000 ezapapashwa kwiGazethi yePhondo eyoNgezelelweyo nenguNombolo 5593 yomhla wama-22 kuSeptemba 2000;

*(subsection (14B) inserted by PN.691/2000)*

- (14C) **“inkqubo yesigqeba solawulo secandelo losodolophu”** ithetha inkqubo evumela ukuba kusetyenziswe igunya lesigqeba solawulo, oko kusenziwa kudlulwe kusodolophu osemagunyeni apho inkqubo yokhokelo lwesigqeba yoMasipala igunyaziswe khona kwanoncediswa yikomiti yecandelo losodolophu;



*(subsection (14C) inserted by PN.199/2003)*

- (15) “**UMthetho wokuCandwa kooMasipala**” uthetha uMthetho woRhulumente waseKhaya we-, 1998 (uMthetho 27 we-1998);
- (16) “**iBhodi yokuCandwa kooMasipala**” ithetha iBhodi yokuCandwa kooMasipala eyamiselwa phantsi kwecandelo-2 loMthetho wokuCandwa kooMasipala;
- (17) “**uMthetho wamaSebe kaMasipala**” ithetha uMthetho kaMasipala woRhulumente waseKhaya we-1998 (uMthetho we-117 we-1998);
- (17A) “**uMthetho-sihlomelo wamaSebe ooMasipala**” uthetha uMthetho wooMasipala beeNgingqi: Umthetho-sihlomelo wooMasipala beeNgingqi, 2000 (uMthetho 33 wonyaka wama-2000);

*(subsection (17A) inserted by PN.691/2000)*

- (17B) “**UMphathiswa weSizwe**” uthetha uMphathiswa wesizwe osingethe imicimbi yoorhulumente beengingqi;

*(subsection (17B) inserted by PN.691/2000)*

- (18) “**iPhondo**” lithetha iPhondo leNtshona-Koloni;
- (19) “**uMphathiswa wePhondo**” uthetha ilungu lesiGqeba soWiso-mthetho wePhondo leNtshona-Koloni elinozanduva lokujongana norhulumente wengingqi;
- (20) “**irhafu yeeNkonza zaKansile yoMmandla (RSC)**” “ithetha irhafu yeenkonzo zekansile yommandla” “nerhafu emiselweyo yommandla” njengoko kuchaziweyo kwicandelo 1 loMthetho weeNkonzo zeKansile yoMmandla ka-1985 (uMthetho 109 ka 1985);
- (21) “**uYilo oluseMthethweni**” luthetha uyilo oluyimfuneko ngokwemigaqo yowiso-mthetho kubandakanya, kodwa kungaphelelanga apho naluphi na olunye uyilo lokusetyenziswa komhlaba, inkqubo yokwahlulwa, uyilo lophuhliso oluhlanganisiweyo, uyilo lweenkonzo zamanzi, uyilo lophuhliso oluhlanganisiweyo, uyilo lophuhliso lwezakhono noyilo lolungiso kumathuba engqesho;
- (21A) “**Isaziso secandelo 18**” sithetha isaziso esibhengezwe ngokwemiqathango yecandelo 18 loMthetho wamaSebe ooMasipala;

*(subsection (21A) inserted by PN.691/2000)*

- (21B) “**Isaziso secandelo 84(3)**” sithetha isaziso esibhengezwe ngokwemiqathango yecandelo 84(3) loMthetho wamaSebe ooMasipala;

*(subsection (21B) inserted by PN.691/2000)*

- (21C) “**abasebenzi**” kuthethwa bonke abasebenzi, kuqukwa abo benza umsebenzi, abakwizikhundla zokuphatha nezincedisayo, kananjalo kubandakanywa nezikhundla ezingenamntu nezifakwe kwizicwangciso zovalozikhewu, kodwa zingabandakanywanga izikhundla ezingenamntu ezingafakwanga kwizicwangciso zovalozikhewu;

*(subsection (21C) inserted by PN.691/2000)*

- (22) “**uMthetho weeNgingqi sasemaPhandleni**” uthetha uMthetho weeNgingqi zasemaPhandleni (iNdlu yabaMeli), we01987 (uMthetho we-1987);

- (23) **“iimanyano zabasebenzi”** zithetha iimanyano eziziMeleyo neziDibeneyo zoMasipala kwaneemanyano zabasebenzi bakaMasipala woMzantsi Afrika;
- (23A) **Inkqubo yogqithiselo**” ithetha inkqubo, echazwe kule Shedyuli, yokugqithisela abasebenzi, impahla, amatyala neerekhodi zoomasipala abatshitshisiweyo kuMasipala weSithili okanye kooMasipala beeNgingqi, nkqubo leyo iquka:-
- (a) ukuchongwa kwabo bonke abasebenzi, yonke impahla, wonke amatyala nazo zonke iirekhodi eziza kugqithiselwa;
- (b) ukusetyenziswa kwemimiselo yokugqithiselwa njengoko ichazwe kule Shedyuli;
- (c) ukunikezelwa kwabo bonke abasebenzi, yonke impahla, wonke amatyala nazo zonke iirekhodi kuMasipala weSithili kungenjalo kuMasipala weNgingqi, kananjalo
- (d) ukuqaliswa kogqithiselo olo.
- (subsection (23A) inserted by PN.691/2000)*
- (24) **“ukuGuqulwa kwemiThetho ethile yamaPhandle”** kuthetha ukuGuqulwa kweMithetho ethile yamaPhandle, we-1998 (uMthetho wama-94 we-1998);
- (25) **“uWECLOGO”** ligama elithetha uMbutho weNtshona-Koloni woRhulumente baseKhaya, ongumbutho wephondo leNtshona-Koloni onikwa ingqalelo ngokwemigaqo yecandelo 2(1)(b) lomthetho woRhulumente weNgingqi olungiselelweyo we-1997 (uMthetho –52 we 1997).

*Intshayelelo*

- 2.(1) Ngomhla we-3 kuMatshi 2000 iBhodi yokuCandwa kooMasipala, isebenza ngokwecandelo 21 loMthetho wokuCandwa kwemida yooMasipala, njengoko kubonisiwe kwimaphu ekuludwe lweNkqubo yokuQala kwiSaziso sePhondo esingunambolo 69/2000 nesapapashwa kwiGazethi yePhondo Eyongezelelweyo engunombolo 5431 ngomhla we- 3 kuMatshi 2000. IKopi yemaphu eyapapashwa ngokutsha kwiSongezelelo “1” solu ludwe lweNkqubo.
- (2) Ngomhla we-10 kuMatshi 2000 iBhodi yokuCandwa kweMida yooMasipala, ibhengeze ummandla obonakaliswe kwimaphu engunomboloneyapapashwa kwiGazethi kaRhulumente enguNombolo 21617 yo- we-29 kuSeptemba 2000 njengommandla wolawulo lwesithili, oko ekwenza ngokwecandelo 6 loMthetho wamaSebe kaMasipala. Ikopi yaloo maphu iphinde yapapashwa phaya kwisixomezelelo 2A sale Shedyuli.
- (section 2(2) amended by PN.691/2000)*
- (3) Umphathiswa wePhondo, esebenza ngokwesahluko se- 12(4) soMthetho wamaSebe ooMasipala:-
- (a) ukhuphe isaziso esibhaliweyo sokusekwa kukaMasipala weSithili okusayilwayo ekhuphela l-WECLOGO kunye noomasipala abathe batshitshiswa njengoko kumiselweyo kwisekyula yomhla we-12 kuJulayi 2000 nengqinisiswe kwiAAO 509/1/4;
- (b) Udlene indlebe neWECLOGO kunye noomasipala abathe batshitshiswa;

- (c) Upapashe iinkcukacha zesi Saziso kwiSaziso sePhondo esingunombolo 410/2000 esapapashwa kwiGazethi yePhondo eyoNgezelelweyo engunombolo 5571, yomhla wama-28 ku-Agasti 2000, kwakunye
- (d) uziqwalasele izimvo ezithe zamkelwa emva kopapasho lweSaziso ekulindeleke ukuba samkelwe.
- (4) Umphathiswa uthethe waziqwalasela iingcebiso zeQonga eNguqulelo leSithili athe wazinikwa ngokwesahluko se- 11(2) seSaziso seDTF.
- (5) Umphathiswa wePhondo, esebenza ngokwesahluko se- 12 nese- 14 soMthetho wamaSebe ooMasipala, njengoko ufundwa kunye noMthetho ka2000 wokuMiselwa kweeNdidi zooMasipala eNtshona-Koloni (uMthetho we-9 ka2000), nekungoku nje ukhupha isaziso sokusekwa koMasipala weSithili ngokwemigaqo edweliswe kolu xwebhu.
- (6) Umphathiswa wePhondo, ngokugunyaziswa yimiqathango yesahluko 2 soMthetho-sihlomelo wamaSebe ooMasipala, xa sifundwa necandelo 14(2)(b) loMthetho wamaSebe ooMasipala kungoku nje wazisa ngeziphumo ezayamene nomthetho, ezinokwenzeka kanti nezinye iziphumo zokutshitshiswa koomasipala abatshitshisiweyo, nto leyo iquka:-
- (a) imimiselo emiselwe ukugqithiselwa, nenkqubo yokugqithiselwa ngokunjalo, kwabasebenzi kuMasipala weNgingqi, nkqubo leyo iya kuqala ngomhla wokupapashwa kwesi saziso neza kugqitywa ngomhla oya kumiselwa nguMphathiswa wePhondo;
- (b) imimiselo emiselwe nkugqithiselwa, nenkqubo yokugqithiselwa ngokunjalo, kwempahla, amatyala, amalungelo nezinyanzeliso neerekhodi zolawulo kanti nezinye, kuMasipala weNgingqi, nkqubo leyo iya kuqala ngomhla wokupapashwa kwesi saziso neza kugqitywa ngomhla oya kumiselwa nguMphathiswa wePhondo;
- (c) ukubonelelwa ngamalungiselelo olawulo ethuba ukususela ngomhla wokuqalisa ukuya kumhla oya kumiselwa nguMphathiswa wePhondo ukuqinisekisa ukuqhubeka kobonelelo ngeenkonzo nokuqinisekisa ukuthembeka nokuma kakuhle koMasipala weNgingqi ngokwezimali.

*(subsection (6) inserted by PN.691/2000)*

*Ukutshitshiswa kooMasipala abakhoyo*

- 3.(1) Ukususela ezinzulwini zobusuku eziphambi komhla wokuseka, aba masipala balandelayo baya kutshitshiswa:-
- (a) iKansile yeSithili saseMurraysburg, eyasekwa ngokwemigaqo yoPapasho olungunombolo 65/1994 lomhla we-21 kuDisemba 1994;;
- (b) inkqubo yotshintsho lweKansile yaseMurraysburg, eyasekwa ngokwemigaqo yoPapasho olungunombolo 1801996 ngomhla we-26 kuEpreli 1996, kwakunye;
- (c) iBhunga leSithili soMbindi Karoo, elasekwa ngokwemigaqo yoPapasho olungunombolo 152/1995 ngomhla we-15 kudisemba 1995,
- (2) OoCeba abatshitshiswayo kufuneka bazishiye ii-ofisi zabo ukusukela kwinzulu yobusuku yomhla eliy kuthi iBhunga likaMasipala elitsha linyulwe ngawo likwachazwa njengelinyuliweyo, kwaye kufuneka babuyisele kwigosa

eliyintloko elilawulay lomasipala (CEO) lowo utshitshisweyo okanye umnyulwa wakhe yonke impahla ekubo eselungelweni lalo masipala utshitshisiweyo.

*Ukusekwa kunye neGama*

4. Ukususela ngomhla wokuqalisa wanyulo umasipala oyokusekwa uyakwaziwa ngesiXhosa njenge “U Masipala weSithili Sombindi Karoo”, ze negisiNgesi aziwe njenge “Central Karoo District Municipality” ze ngesiBhulu aziwe njenge “Sentraal Karoo Distriksmunisipaliteit”.

*iCandelo*

5. Umasipala weSithili uya kuba ngumasipala wesithili njengoko kuxeliwe kwicandelo 1 loMthetho wamaSebe kaMasipala, eya kuba ngumasipala onamagunya awodwa olawulo nokuphatha kwingingqi leyo ebandakanya oomasipala abaninzi, kwanochaziweyo kwicandelo 155(1) loMgaqosiseko njengecandelo C lomasipala.

*uDidi*

6. UMasipala weSithili ngumasipala oneenkqubo zesigqeba secandelo losodolophu njengoko zimiselwe ngumthetho, iWestern Cape Determination of Types of Municipalities Act, 2000 (Act 9 of 2000), njengokuba zilungisiwe ngomthetho, iWestern Cape Determination of Types of Municipalities Amendment Act, 2002 (Act 4 of 2002).

*(section 6 amended by PN.199/2003)*

*Imida*

7. Imida kaMasipala weSithili iya kuba yimida esekwe yiBhodi yokuCandwa kwemida yooMasipala nekubhekiselelwe kuyo kwicandelo 2(1).

*INani looCeba*

8. IKansile kaMasipala yoMasipala weSithili inamalungu 14 (ishumi elinesine) ooCeba, njengoko kumisiwe nguMphathiswa wePhondo kwiSaziso sePhondo esingunombolo 164/2000 esapapashwa kwiGazethi yePhondo eyoNgezelelweyo engunombolo. 5468 ngomhla we-4 kuMeyi 2000, kubo:-

(1) 6 (ezinta ndathu) ngooceba abanyulwe ngokokuphumelela kwabo kugqatso lokumela amaqela azigqatsele unyulo loMasipala weSithili ngokwemiqathango yecandelo 23(1)(a) loMthetho wamaSebe ooMasipala;

(2) 7 (isixhenxe) ngooceba abamele ngqo uMasipala weNgingqi ngokwemiqathango yecandelo 23(1)(b) loMthetho wamaSebe ooMasipala, kubo:-

(a) 1 (enye) bamele ngqo uMasipala waseLiangersburg (WCO51);

(b) 1 (enye) bamele ngqo uMasipala wasePrince Albert (WCO52);

(c) 5 (ezintlanu) bamele ngqo uMasipala waseBeaufort West (WCO53), kwaye

(3) 1 (enye) ngabanyulwe ngokokuphumelela kwabo kugqatso lokumela amaqela azigqatsele unyulo loMasipala weSithili ngokwemiqathango yecandelo 23(1)(c) loMthetho wamaSebe ooMasipala.

*(section 8 amended by PN.691/2000)*

*OoCeba abasebenza isigxina*

9. UMasipala weSithili anamisela aba ceba balandelayo njengooceba besigxina:-

- (a) Usodolophu wesigqeba solawulo,
- (b) Amalungu ecandelo losodolophu, ndawonye
- (c) nosomlomo.

*(section 9 amended by PN.472/2002 and PN.199/2003)*

*IMisebenzi namaGunya*

10. Akuyi kubakho luhlenga-hlengiso ngokubhekiselele kwimisebenzi nakumagunya kaMasipala weSithili ngokwecandelo 85 loMthetho wamaSebe ooMasipala.

*uKungachaphazeleki*

11. Umasipala akasayi kungachatshazelwa nayiyiphi na imiqathango yoMthetho wamaSebe kaMasipala.

*Imimiselo emisa uGqithiselo lwaBasebenzi*

- 12.(1) uKususela ngomhla wokuqalisa nangokwemiqathango yecandelo 197 loMthetho wezoBudlelwane eMsebenzini,1995 (uMthetho-66 wonyaka we-1995:-

- (a) bonke abasebenzi boomasipala abatshitshisiweyo nabamsebenzi wabo wayanyaniswa ngokukodwa nemisebenzi efanele ukwenziwa nguMasipala weNgingqi baya kugqithiselwa kuMasipala weNgingqi;
  - (b) bonke abasebenzi boomasipala abatshitshisiweyo nabamsebenzi wabo wayanyaniswa ngokukodwa nemisebenzi efanele ukwenziwa nguMasipala weSithili (misebenzi leyo ibandakanya imisebenzi efanele ukwenziwa nguMasipala weSithili kuMmandla woLawulo lweSithili) siya kugqithiselwa kuMasipala weSithili;
  - (c) nawuphi na umntu ongomnye wabasebenzi bomasipala otshitshisiweyo owayanyaniswa nomnye okanye neminye imisebenzi eza kwenziwa nguMasipala weNgingqi noMasipala weSithili, ukususela ngomhla wokuqalisa, uya kugqithiselwa komnye wabo masipala, oko kusenziwa ngokobuninzi bexesha elidliwa ngumsebenzi lowo wenziwa nguloo mntu xa uthelekiswa nexesha elidliwa yeminye imisebenzi eyenziwa nguloo mntu;
  - (d) bonke abasebenzi boomasipala abatshitshisiweyo nabamsebenzi wabo ungayanyanisiwayo nomsebenzi othile okanye nemisebenzi ethile efanele ukwenziwa nguMasipala weNgingqi noMasipala weSithili siya kugqithiselwa kuMasipala weNgingqi kungenjalo kuMasipala weSithili oko kusenziwa ngokwemilinganiselo esekelwe kwinani lezikhundla sezizonke ezigqithiselwe kwabo masipala ngokwemiqathango yemihlathi (a), (b) no-(c);
  - (e) zonke izikhundla koomasipala abatshitshisiweyo ezingenamntu nezingenzelwanga zicwangiciso zovalo-zikhewu ziya kutshitshiswa.
- (2) Phantsi kwemiqathango yezivumelwano ezihlanganyelweyo onke amalungelo nezibophelelo eziphakathi koomasipala abatshitshisiweyo naphakathi kwabaqeshwa boomasipala abo ngelixa logqithiselo aya kuhlala esebenza ngokungana ngamalungelo okanye izibophelelo eziphakathi koMasipala weNgingqi okanye uMasipala weSithili, nokuba nguwuphi kwabo masipala, nomqeshwa wakhe ngamnye, kananjalo nantoni na eyenziwa ngaphambi koggqithiselo olo ngumasipala otshitshisiweyo okanye ngokunxulumene

nomasipala lowo utshitshiswayo iya kuthatyathwa njengento eyenziwayo okanye eyenziwa ngokunxulumene noMasipala weNgingqi okanye uMasipala weSithili, nokuba nguwuphi kwabo masipala.

- (3) Ukughubeka kwengqesho yomqeshwa akuyi kuphazanyiswa lugqithiso kananjalo ingqesho leyo iya kuqhubeka kuMasipala weNgingqi okanye uMasipala weSithili, nokuba nguwuphi kwabo masipala, ngokunga iqhubeka kumasipala lowo utshitshisiweyo.
- (4) Phantsi kwemigaqo-nkqubo neenkqubo zomsebenzi eziphathelele kubantu nekubhekiswe kuzo phaya kwicandelo 14(a) lale Shedyuli, kuse nokufuneka ukuba umqeshwa ogqithiselwe kuMasipala weNgingqi asebenzele nayiphi na i-ofisi kaMasipala weNgingqi kwaye, ngaphandle kokuba kuvunyelenwe ngenye indlela, akayi kuba nalungelo lakongezelwa umvuzo ngenxa yaloo nto.

*(section 12 amended by PN.691/2000)*

*Inkqubo yoKugqithiselwa kwaBasebenzi*

12A.(1) Ingatyeshelwanga imiqathango yecandelo 12 necandelo 16C, kananjalo ngeli lixa kusalindelwe ukufezekiswa kwenkqubo yogqithiselo ngokweli candelo, bonke abasebenzi boomasipala abatshitshisiweyo, xa kukho imfuneko yoko, baya kusebenzela okwethutyana uMasipala weNgingqi, kwaye ke ngoko bonke abasebenzi abafanele ukugqithiselwa kuMasipala weSithili ngokwemiqathango yecandelo 12 okanye eyecandelo 16C bona baya kuthatyathwa njengabasancedisayo kuMasipala weNgingqi oko kusenziwa ngokwamalungiselelo aphakathi koMasipala weNgingqi naloo Masipala weSithili, malungiselelo lawo achaza ukuba uMasipala weNgingqi uya kufezekisa umsebenzi okanye imisebenzi eyayamene nabo basebenzi oko ekwenza egameni loMasipala weSithili.

(2) Ukuze ku:-

- (a) kube nokulungiselelwa nawaphi na amalungiselelo ngokwemigaqo yoMthetho oHlonyelweyo wamaSebe ooMasipala; okanye
- (b) kube nokuvunyelwa uMasipala weNgingqi kwanoMasipala weSithili ukuba bangene kwizivumelwano, kuqukwa nezivumelwano ezimalunga nomsebenzi.

Ezinokuchaphazela utshintsho lwabasebenzi ngokwemigaqo yale Shedyuli, akukho nalinye ilungu eliya kunikezwa ngokupheleleyo ngaphambi komhla wama-30 kuJuni 2001, okanye olo suku luya kube lumiswe nguMphathiswa wePhondo.

- (3) Ngomhla okanye ngaphambi komhla oya kumiselwa nguMphathiswa wePhondo i-CEO nganye kuya kufuneka iqulunqe uxwebhu olunoludwe lwamagama abo bonke abasebenzi bomasipala wayo otshitshisiweyo ngokwendlela eyalelewe nguMphathiswa wePhondo, kwaye kuya kufuneka ukuba amisele okwethutyana ilungu ngalinye labasebenzi isikhundla esobelwe imali somasipala wakhe otshitshiweyo ngokuhambelanayo nemithetho-siseko echaziweyo phaya kwicandelo 12 nele 16C, kananjalo anike umphathi wethutyana kamasipala ne-IMM yoMasipala weSithili iikopi ezipheleleyo zolo xwebhu.
- (4) Ngomhla okanye ngaphambi komhla oya kumiselwa nguMphathiswa wePhondo, kodwa ngokwemiqathango yecandelo (2), umphathi wethutyana kamasipala, ebonisene ne-IMM yoMasipala weSithili kuye kufuneka ukuba:-

- (a) ahlanganise amazwebhu ekudweliswe kuwo amagama nekubhekiswe kuwo phaya kwicandelwana (1) awenze abe luxwebhu olunye kananjalo ekugqibeleni abele ngokuthanda kwakhe uMasipala weNgingqi okanye uMasipala weSithili ngabasebenzi nezikhundla ezingenamntu ezikwizicwangciso nezidweliswe phaya kuxwebhu oluhlanganisiweyo, ngomhla wokuqalisa, oko kusenziwa ngokwenmimiselo echazwe phantsi kwecandelo 12 nele 16C okanye kuso nasiphi na isivumelwano ekubhekiswe kuso kwicandelwana (2);
- (b) anike i-IMM kaMasipala weSithili ngamnye ikopi yolo zwebhu kananjalo afumane kwi-IMM yoMasipala weSithili nganye ikopi yoxwebhu oluqulunqwe yiloo IMM kaMasipala weSithili, kananjalo
- (c) ahlanganise uxwebhu ekubhekiswe kulo phaya kumhlathi (a) noxwebhu olufunyenwe kwi-IMM yoMasipala weSithili ekubhekiswe kulo phaya kumhlathi (b) aze loo maxwebhu enziwe uxwebhu olunye olubonakalisa amagama abo bonke abasebenzi abaza kugqithiselwa kuMasipala weNgingqi.
- (5) Ingatyeshelwanga imimiselo echazwe kwicandelo 12 nele 16C, umphathi wethutyana kamasipala unokuthi evumelene ne-IMM yoMasipala weSithili, akuhlengahlengise ukwabiwa kwabasebenzi ngokwecandelwana (2) oko ekwenzela ukulungiselela ukwabelana ngabasebenzi, okufaneleke nangaphezulu, phakathi koMasipala weNgingqi noMasipala weSithili, kodwa olo hlengahlengiso aluyo kwenziwa emva ukuba umsebenzi azisiwe ngokwemiqathango yecandelwana (8).
- (6) Xa kunokuvela nayiphi na impikiswano, emalunga nokwabelana ngabasebenzi, phakathi komphathi wethutyana kamasipala ne-IMM yoMasipala weSithili loo mpikiswano kuya kufuneka ukuba ibhekiswe kuMphathiswa wePhondo okanye kumtyunjwa wakhe ngokweenkqubo ezimiswe nguMphathiswa wePhondo, kwaye isigqibo soMphathiswa wePhondo okanye esomtyunjwa wakhe akuyi kugqithwa kuso kwaye siya kuba sesibophelelayo.
- (7) Umphathi wethutyana kamasipala uya kuluqinisekisa ngencwadi uxwebhu olunoludwe lwamagama oluhlanganisiweyo nekubhekiswe kulo phaya kwicandelwana (4)(c) kwaye kuya kufuneka ukuba olo xwebhu lunoludwe lwamagama alunike uMphathiswa wePhondo ngomhla okanye ngaphambi komhla oya kumiselwa nguMphathiswa wePhondo.
- (8) Emva kokuqulunqwa koxwebu olunye olunoludwe lwamagama noluhlanganisiweyo ekubhekiswe kulo phaya kwicandelwana (4)(c), kodwa ngapambi komhla wokuqalisa, umphathi wethutyana kamasipala kuya kufuneka ukuba anike umntu ngamnye oza kuba ngumsebenzi kaMasipala weNgingqi isaziso esibhaliweyo esichazela loo msebenzi ukuba uqeshwe nguMasipala aweSithili ukususela ngomhla wokuqalisa.
- (9) Ukungafunyanwa kwesaziso esibhaliweyo ekubhekiswe kuso phaya kwicandelwana (8) akuthethi kungasebenzi kwalo naluphi na ugqithiselo.
- (10) Xa nawuphi na umsebenzi ('umphikisi') esithi ugqithiselo lwakhe alwenziwanga ngokwemimiselo echazwe phaya kwicandelo 12 nele 16C, ngokwaso nasiphi na isivumelwano ekubhekiswe kuso kwicandelwana (2) okanye ngokwenkqubo echazwe kweli candelo, lowo mphikisi angafaka incwadi yokuphikisa kumphathi wethutyana kamasipala womasipala lowo agqithiselwe kuye oko ekwenza kungagqithanga iintsuku ezili-14 emva

kokwaziswa kwakhe ngokwemiqathango ephaya kwicandelwana (5). Loo ncwadi yokuphikisa kuya kufuneka ukuba umphathi wethutyana kamasipala ayigqithisele kuMphathiswa wePhondo okanye kumtyunjwa wakhe ukuze uMphathiswa wePhondo okanye umtyunjwa wakhe ibe nguye owenza isigqibo ngokweenkqubo ezimiselwe nguMphathiswa wePhondo, kwaye isigqibo soMphathiswa wePhondo okanye somtyunjwa wakhe akuyi kugqithwa kuso kwaye siya kuba sesibophelelayo.

*(subsection (10) amended by PN 133/2008)*

- (11) Ngeli lixa lusalindelwe isigqibo soMphathiswa wePhondo okanye somtyunjwa wakhe ngokwecandelwana (10) umphikisi uya kugqithiselwa kumasipala, oko kunsenziwa ngokweli candelo. Ukuba uMphathiswa wePhondo okanye umtyunjwa wakhe ufumanise ukuba umphikisi bekufanele agqithiselwe komnye umasipala umphikisi uya kugqithiselwa kuloo masipala kwaye ugqithiselo lwakhe luya kuthatyathwa njengolwenzeka ngomhla wokuqalisa ngokwecandelo 12 nele 16C.
- (12) Xa kunokwenzeka ukuba igama lomsebenzi lingaveli kuxwebhu olunoludwe lwamagama ekubhekisiwe kulo phaya kwicandelwana (4)(a), okanye xa kunokwenzeka ukuthi kanti umsebenzi wabelwe oomasipala abangaphezulu kwesinye ukususela ngomhla wokuqalisa, loo msebenzi kuya kufuneka, ngokukhawuleza emvane kokuva ngayo nokuba yiyiphi kwezo zinto, loo nto ayichaze kumphathi wethutyana kamasipala okanye kwi-IMM yoMasipala weSithili yena ke ekuya kufuneka ukuba loo mcimbi awugqithisele kuMphathiswa wePhondo ukuse ibe nguMphathiswa wePhondo okanye umtyunjwa wakhe oweneza isigqibo ngokweenkqubo ezimiselwe nguMphathiswa wePhondo kwaye isigqibo soMphathiswa wePhondo okanye umtyunjwaa akuyi kugqithwa kuso kwaye siya kuba sesibophelelayo.
- (13) Ngomhla okanye ngaphambi komhla oya kumiselwa nguMphathiswa wePhondo uMasipala weNgingqi kuya kufuneka ukuba aluvume uphuhliso lwabasebenzi loMasipala weNgingqi ngokwemigaqo yomthetho osebenzayo kwaye kuya kufuneka ukuba ikopi yoxwebhu oluchaza olo phuhliso lwabasebenzi ayandlale phambi kweSebe leQonga leeNguqu leKansile yoThethwano; ngaphandle kokuba uMasipala weNgingqi uthe ekugqibeleni akaluvuma uphuhliso lwabasebenzi ukuba lube loloMasipala weNgingqi ngaphambi kokuba umphathiswa wethutyana kamasipala abe uye wayikhangela ishedyuli eqinisekisiweyo ngokwemigaqo yecandelwana (7).
- (14) Ngomhla okanye ngaphambi komhla oya kumiselwa nguMphathiswa wePhondo, xa kungekafikelelwa kwisivumelwano phambi komhla wokuqalisa ngokwemiqathango yecandelo (13)(2) lale Shedyuli, u Masipala weNgingqi, njengelungu leSebe leQonga leeNguqu leKansile yoThethwano kuya kufuneka ukuba azame ukufikelela kwisivumelwano esiqukanisayo kwiSebe leQonga leNguqu leCandelwana leKansile yoThethathethwano neemanyano zabasebenzi ngokubhekiselele kwimimiselo, iinkqubo neendlela emazilandelwe xa kuqeshwa abantu abaya kungena kwizikhundla ezivele ngenxa yemo entsha yolawulo lukaMasipala weNgingqi.
- (15) Ngomhla okanye ngaphambi komhla omiselwe nguMphathiswa wePhondo, uMasipala weNgingqi uya kuqesha abantu abayakungena kwizikhundla ezikwi uphuhliso lwabasebenzi ngokwemimiselo, iinkqubo neendlela ekuvunyelwene ngazo kwiSebe leQonga leeNguqu leKansile yoThethwano.

*(section 12A inserted by PN.691/2000)*



*Izivumelwano zokusebenza ezithatyathwe kunye*

13.(1) Nasiphi na isigqibo ekungnwe kuso Li Qumrhu lee Ngxoxo:-

- (a) kurhulumente kazwelonke, okanye;
- (b) kwi Qumrhu leeNgxoxo, okanye
- (c) kurhulumente wedolophu,

siya kuhlala simi isesi setyenzi swayo de sihlo nyelwe okanye sitshitshiswe nogkokungqinelana kni miqathango yesi sirumelwano.

(2) Phambi komhla wokuqala wonyulo ooMasipala abatshutshisiweyo, njengamale eQonga lezokusebenza kufuneka bazame befikelele esigqibeni kunye nemanyano zaba zekenzi ngo kuphathelene nale miba ilandelayo:-

- (a) inkqubo eya kulandelwa xa kumiselwa abasebenzi ezikhundleni ngokwendlela entsha emva komhla wokuqala wonyulo;
- (b) inkqubo eya kulandelwa ekuzalisweni kwezikhundla ezitsha eziya kuba zikho emva kokusekwa ngokutsha kubume bezikhundla kuMasipala weSithili;
- (c) Ukwamkelwa kwemimiselo nemiqathango yengqesho yoMasipala weSithili emva komhla wokuqala wonyulo, kwakunye
- (d) Nawuphi na umcimbi ekubhekiselele kumiselo loMasipala weSithili.

*Imicimbi yabasebenzi*

14. Ngokuxhomekeke kuso naziphi na izivumelwano ezenziwe kunye:-

- (a) imigaqo-nkqubo kunye namanyathelo okulawula kaMasipala iya kuba yimigaqo-nkqubo namanyathelo abesetyenziswa ngaphambi komhla wokuqala wonyulo kwaye iya kuhlala iyesityenziswayo ngabo bonke abasebenzi ngokufana naleyo yayesityenziswa ngaphambi komhla wokuqala wonyulo, nexhomekeke ekuhlonyelweni okanye ekutshitshisweni nguMasipala;
- (b) imimiselo nemiqathango yengqesho yabo bonke abasebenzi bakaMasipala iya kuba yimimiselo nemiqathango yengqesho eya kusebenza phambi komhla wokuqala wonyulo kumqeshwa ngamnye nokuba uqeshw emva komhla wokuqala wonyulo uya kuqeshwa ngokwemimiselo nemiqathango yengqesho egqitywe nguMasipala.

*IZiphumo zeNguqu ezibhekiselele kweminye imiba emalunga nabasebenzi*

15.(1) Ngokuxhomekeke kuzo naziphi izivumelwano ezenziwe kunye, umsebenzi osikhundla sakhe sitshintshwe ngenxa yenguqu akayi kuthathwa njengongafunekiyo ngokweenjongo zaso nasiphi na isigqibo okanye imiqathango yengqesho kungenjalo nawuphi na umgaqo wengxowa-mali yomhlala phantsi enika umsebenzi ithuba lokuba azinyulele ngokwakhe ukuwuyeka umsebenzi wakhe kwaneemfanelo.

(2) Imiqathango yeli candelo isebenza kuphela xa umsebenzi athe wasikhaba ngaphandle kwesizathu isibonelelo imiqathanyo asinikwayo nguMasipala.

(3) Ngokwenjongo yeli candelo, utshintsho lwezikhundla lungaquka enye yezi zinto zilandelayo:-

- (a) isithuba eso somsebenzi asisekho;
- (b) isithuba eso somsebenzi sithe satshitshiswa;

- (c) umsebenzi kufuneka enze isicelo sesithuba somsebenzi ngokutsha;
- (d) inkqubo kunye namagunya esithuba eso athe atshitshiswa;
- (e) kuthe kwatshintshwa umqeshi;
- (f) xa isithuba eso sithe sanaphathi abaninzi ekufuneka umsebenzi enze ingxelo kubo;
- (g) xa kukho umahluko kwisithuba eso.

*Ukuthabathelana koomasipala izikhundla ngokwaseMthethweni*

16. Ukususela ngomhla wokuqalisa:-

- (1) Umasipala weNgingqi uya kuba ngumasipala othabatha isikhundla ngokwasemthethweni sabo masipala batshitshiswayo kananjalo uya kuba ngumasipala oza kusekwa ngokwemiqathango yeSaziso sooMasipala beZithili ngokubhekiselele kwimpahla namatyala abelwe uMasipala weNgingqi ngokwemiqathango yale Shedyuli.
- (2) Ngokwecandelwana (1) necandelo 16D lale Shedyuli wonke amalungelo nezibophelelo zoomasipala abatshitshisiweyo angabiwanga ngokwemiqathango yale Shedyuli ayakwabelwa uMasipala weNgingqi, kwaye kuya kuba nguloo Masipala weNgingqi othabatha isikhundla ngokwasemthethweni sabo masipala batshitshisiweyo, ngokubhekiselele kuloo malungelo nezibophelelo.
- (3) Zonke iintlawulo, ingeniso nazo zonke ezinye iimali ekufanele zihlawulwe okanye ziqokelelwe nawuphina/nabaphina ziya kuhlulwa okanye ziqokelelwe ongunmasipala onthabathe isikhundla ngokwasemthethweni somasipala otshitshisiweyo ngokwemiqathango yale Shedyuli.
- (4) Ingatyeshelwanga imiqathango yawo nawuphina umthetho onxulumene noku, nawaphina amaxwebhu othelekelelo-maxabiso asasebenzayo okanye abekho ngenxa yokuqulunqwa kothelekelelo-maxabiso lwethutyana okanye olongeziweyo, nokuba yiyiphi kwezo zinto, kummandla woMasipala weNgingqi aya kuhlala esebenza, ngaphandle kokuba imiqathango yaloo mthetho itsho nto yimbi, de ummandla lowo woMasipala weNgingqi uqulunqelwe uxwebhu jikelele lothelekelo-maxabiso.
- (5) Lingatyeshelwanga icandelwana (1):-
  - (a) uMasipala uya kuthabatha iintambo ngokusemthethweni koomasipala abatshitshisiweyo ngokwezingqinisiso zemibandela ichaziweyo kuMthetho wokuGuqulwa kweMimandla ethile yasemaPhandleni kwanakuMthetho weeNgingqi zasemaPhandleni, ukuya kutsho kwizahlulo ekubhekiselwe kuzo, de kube kutshintshelwa kwinkqubo ekubhekiselalwe kuyo kwicandelo le-3 loMthetho wokuGuqulwa kweMimandla ethile yasemaPhandleni:-
    - (i) umhlaba ophantsi kwegunya loMphathiswa wezoLimo neMicimbi yoMhlaba njengoko kuchaziweyo kwicandelo le-7 loMthetho weeNgingqi zasemaPhandleni noxhomekeke kwimiqathango equlathwe licandelo le- 3 loMthetho wokuGuqulwa kweMimandla ethile

yasemaPhandleni uya kuhlala phantsi kwegunya loMphathiswa wezoLimo neMicimbi yoMhlaba, kwakunye

- (ii) umhlaba obuphantsi kwegunya loomasipala abatshitshisiweyo ngokwemimiselo equlathwe nguMthetho weeNgingqi zasemaPhandleni noxhomekeke kwimiqathango yecandelo le- 3 loMthetho wokuGuqulwa kweMimandla ethile yasemaPhandleni uya kuhlala uphantsi kwegunya loMasipala ukususela kumhla wokuqala wonyulo;
- (b) umhlaba ekubhekiselelwe kuwo kwicandelwana (2)(a) uya, kuthi ngexesha lotshintshelo ngokwemimiselo yecandelo le-3 loMthetho wokuGuqulwa kweMimandla ethile yasemaPhandleni, ube phantsi kolawulo loMasipala njengoko uMthetho weeNgingqi zasemaPhandleni uchaza.

*(section 16 amended by PN.691/2000)*

*Imimiselo yoGaithiselo lweMpahla, amaTyala neeRekhodi*

16A. Ukususela ngomhla wokuqalisa:

- (1) yonke impahla, amatyala neerekhodi zoomasipala abatshitshisiweyo neyayanyaniswa ngokukodwa nemisebenzi ekufanele yenziwe nguMasipala weSithili iya kugqithiselwa kuMasipala weSithili.
- (2) yonke impahla, amatyala neerekhodi zoomasipala abatshitshisiweyo neyayanyaniswa ngokukodwa nemisebenzi ekufanele yenziwe nguMasipala weSithili (misebenzi leyo iquka imisebenzi efanele ukwenziwa nguMasipala weSithili kuMmandla woLawulo lweSithili) ye nawuphina omnye wooMasipala beeNgingqi iya kugqithiselwa iya kugqithiselwa kuMasipala weSithili.
- (3) nayiphi na impahla yomasipala otshitshisiweyo enako ukususwa kwindawo ekuyo neyayanyaniswa nomsebenzi omnye okanye engaphezulu ekufanele ifezekiswe, ukusuela ngomhla wokuqalisa, nguMasipala weNgingqi noMasipala weSithili, nabanako ukwahlulelana ngayo baya kuyahlulelwa:-
  - (a) ngokwepesenti yelona xesha loo mpahla esetyenziswe ngalo kwindawo nganye;
  - (b) ngokwepesenti yelona xesha loo mpahla esetyenziswe ngalo ekwenzeni umsebenzi oya kuba luncedo macala omabini; okanye
  - (c) ngokwayo nayiphi na enye indlela evunywe nguMphathiswa wePhondo.
- (4) yonke impahla yoomasipala abatshitshisiweyo engenakususwa kwindawo ekuyo neyayanyaniswa nomsebenzi okanye imisebenzi ekufanele yenziwe nguMasipala weNgingqi noMasipala weSithili, ndawonye nayo yonke impahla enokususwa kwindawo ekuyo neyayanyaniswa nomsebenzi okanye imisebenzi ekufanele yenziwe nguMasipala weNgingqi noMasipala weSithili abangenakwahlulelana ngayo, iya kugqithiselwa kumasipala oya kuyisebenzisa kakhulu ukugqitha abanye, kodwa nawuphi na umasipala osenomnqweno wokuyisebenzisa loo mpahla unelungelo lokuqhubeka ngokuyisebenzisa oko ekwenza ehlawula inxenye yeendleko zokuyisebenzisa ngokokuyisebenzisa kwakhe de ilungelo lakhe lokuyisebenzisa lipheliswe ngesivumelwano;

- (5) ingatyeshelwanga imiqathango yecandelwana (4), uMasipala weNgingqi noMasipala weSithili banokuvumelana ngokuyahlula phakathi, nayiphi na impahla engenakususwa kwindawo ekuyo nekubhekiswe kuyo phaya kwincandelwana (4), nenokwahluleka phakathi, okanye bohlule naliphi na iqela lempahla ekubhekiswe kulo phaya kumacandelwana (3) no-(4) ngendlela eyanelisayo, oko kusenziwa kunikwe ingqalelo uhlobo noncedo lwaloo mpahla okanye lwezo mpahla, ngokuvumelana kwabo, ze isahlulelo ngasinye saloo mpahla sabiwe ngokwesivumelwano eso;
- (6) yonke impahla eyimali yoomasipala abatshitshisiweyo neyayanyaniswa nomsebenzi okanye imisebenzi ekufanele yenziwe nguMasipala weNgingqi noMasipala weSithili iya kwahlulelwa abo masipala ngendlela eyanelisayo, oko kusenziwa kunikwe ingqalelo uhlobo noncedo lwaloo mpahla;
- (7) yonke impahla eyimali namatyala emali oomasipala abatshitshisiweyo engenakwayanyaniswa nomsebenzi othile iya kwahlulelwa uMasipala weNgingqi noMasipala weSithili ngale ndlela ilandelayo:-
- (a) Izibonelelo ezingasetyenziswanga eziziimfanelo zabaqeshwa, ezifana neentsuku zekhefu ezingasetyenziswanga, ziya kugqithiselwa kwiimeko apho izibonelelo zinokunxulumaniswa nomqeshwa othile ngokuhambelanayo nenkqubo yogqithiselo lwaloo mqeshwa ngokwemiqathango yale Shedyuli kwanenezinye iimeko ngokomlinganiselo oya kuthelakiswa nezibonelelo ezilungiselelwe imivuzo seyiphelele neziza kugqithiselwa kuMasipala weNgingqi noMasipala weSithili;
  - (b) Izibekelelo nezibonelelo ezingasetyenziswanga ngenjongo ethile ziya kugqithiselwa ngendlela eyanelisayo, oko kusenziwa kunikwe ingqalelo uhlobo nenjongo yesibekelelo okanye yesibonelelo ngasinye;
  - (c) Izibekelelo nemali ezingasetyenziswanga eyintsalela yohlobo lwesiqhelo iya kwahlulelwa uMasipala weNgingqi noMasipala weSithili ngenye yezi ndlela zilandelayo:-
    - (i) ngokuthelakanisekayo kweengxelo-mali ezihlanganisiweyo zakutsha nje zoMasipala weNgingqi noMasipala Sithili;
    - (ii) nayiphi na enye indlela evunywe nguMphathiswa wePhondo.
- (8) Yonke impahla engaphathekiyo yoomasipala abatshitshisiweyo neyayanyaniswa nomsebenzi okanye imisebenzi ekufanele yenziwe nguMasipala weNgingqi noMasipala weSithili iya kwabelwa umasipala omnye, noko kunjalo nawuphi na omnye umasipala onomnqweno waloo mpahla ingaphathekiyo uya kuba nelungelo:-
- (a) lokuzuza imbuyekezo eyanelisayo, oko kuquka imali, ukutshintshiselwa okanye naluphi na olunye uhlobo lwembuyekezo ekunokuvunyelwana ngayo; kananjalo
  - (b) aqhubeke ngokuyisebenzisa loo mpahla xa athe wahlawula isabelo esithelekisekayo seendleko zokuyisebenzisa de elo lungelo lokuyisebenzisa liphelise ngokuvumelana.
- (9) zonke iirekhodi zoomasipala abatshitshisiweyo nezayanyaniswa nomsebenzi okanye imisebenzi ekufanele yenziwe nguMasipala weNgingqi noMasipala weSithili nabangenakwahlulelana ngazo, ziya kugqithiselwa kumasipala omnye ngokokusondela kwazo kumsebenzi

